ISIFUNDO NEBANGA	IsiXhosa uLwimi Lwasekhaya Ibanga le-11
IKOTA YESI-3	Iveki 5 **(isifundo 1)**
ISAKHONO	Ukuphulaphula nokuthetha
ISIHLOKO	Intetho elungiselelweyo
INJONGO ZESIFUNDO	Kukuba mfundi ukwazi ukwenza intetho esidlangalaleni. Ukukuxhobisa ngokulindelekileyo xa uza kuthetha phambi kwabantu.
OOVIMBA BOLWAZI	**Iincwadi** • Incwadi yomfundi Ukhanyo. • Isikhokelo sokufundisa nokuyila izincoko neetekisi zonxibelelwano.
INTSHAYELELO	Ngexesha lokuma ngxi kwentshukumo zelizwe, oonondaba bebesazisa ngamaxesha uMongameli uRamaphosa kunye nabaphathiswa abaza kuvela ngawo bethetha kumabonakude nakunomathotholo. Ingaba yintoni le bebeyenza? Ingxam yoko bebethetha ngako bekuqulathe ntoni?
UMXHOLO	**Iimpawu nemigaqo yokwenza iintetho elungiselelweyo:** **Intshayelelo** • Qala ubulise bonke abaphulaphuli ubalandelelanise ngokwezikhundla zabo. • Zazise. • Yandlalela intetho yakho ngesaci okanye iqhalo okanye ubalise ibalana elidlwengula umxhelo, kodwa esi saci okanye iqhalo okanye ibalana malihambelane ncakasana nesihloko sakho. • Nika inkcazelo etyhila intsingiselo yesihloko sakho.

	Isiqu: Iimpawu	• Isiqu sakho sahlule ngokweengongoma. • Beka ingongoma yokuqala oza kunyathela kuyo ngokuthi usebenzise igama elingu 'Okokuqala' uze ulandelise ngengongoma yakho. Bonisa unotsheluza ohambelana nengongoma yakho nganye okanye ukunikezela ngepower point okanye umfanekiso okanye nasiphi na isixhobo esibonisa ukuba ulwenzile uphando. • Emva koko cacisa iingongoma ezixhasa ingongoma yakho. • Gqithela kwingongoma yesibini. Ungasebenzisa igama elingu- okwesibini ze ulandelise ingongoma leyo. • Emva kwengongoma cacisa iingongoma ezixhasa ingongoma yakho. • Gqithela kwingongoma yesithathu. Kwakhona ungasebenzisa igama elingu-okwesithathu okanye okokugqibela ukuba yingongoma yakho yokugqibela uze ulandelise ngengongoma yakho. • Emva koko cacisa iingongoma ezixhasa ingongoma yakho. • Intshayelelo nesiphelo maziwulobe kangangoko umdla wabaphulaphuli. • Mana ukrwaqula amakhadana ozenzele wona ungasoloko uqwalasele ephepheni, oko kuphelisa umdla kubaphulaphuli. • Ilizwi kunye nolwimi lomzimba mazisetyenziswe ngokukuko ukugqithisa umyalezo. • Namathelisa iliso lakho kubaphulaphuli xa uthetha. • Sebenzisa izixhobo ezibonwayo njengobungqina bophando, kodwa zingabininzi. • Thetha ngokuvakalayo, ungangxami, yithi chu, umana unqumama. • Sebenzisa imibuzo buciko nophinda-phindo.

	Imigaqo elandelwayo xa usenza intetho	• Biza amagama kakuhle ngendlela engazi kuyitshintsha intsingiselo yawo.
	Isiphelo	• Qukumbela intetho yakho ngokunika isishwankathelo seengongoma ozichaphazele ngasentla. Emva koko unike umkhomba-ndlela okanye iingcebiso. • Ungavala nangesihlekiso abaya kusoloko beyikhumbula ngaso intetho yakho abaphulaphuli bakho.

UMSEBENZI	Njengamfundi webanga le-11, mhlawumbi nawe unalo iphupha elimalunga nento onqwenela ukuba yiyo xa umdala. Lungisa intetho oza kuyenza phambi kweklasi yakho ulichaza khona ngokubanzi eli phupha lakho nezicwangciso zakho zokulenza lifezeke.	IZAKHONO Ngokufunda uze wenze lo msebenzi uya kuthi ululeke kwezi zakhono zilandelayo; esokuphulaphula nokuthetha, esokufunda nokubukela nesokubhala nokunikezela**.**
UKUQUKUMBELA	Mfundi qaphela iimpawu nemigaqo elandelwayo xa usenza intetho elungiselelweyo.	
IZINTO ZEXABISO	Esi sifundo sifundisa indlela yokwenza intetho esidlangalaleni.	

IIMPENDULO EZILINDELEKILEYO KWIMIBUZO EKWINTSHAYELELO

- Benza intetho elungiselelweyo.
- Ibangemigaqo ekufanele siyilandele ukhuzikhusela kwintsholongwane icovid-19/corona.

<table>
<tr><td>ISIFUNDO NEBANGA</td><td colspan="2">IsiXhosa uLwimi Lwasekhaya Ibanga le-11</td></tr>
<tr><td>IKOTA YESI-3</td><td colspan="2">Iveki 5 (Isifundo 2)</td></tr>
<tr><td>ISAKHONO</td><td colspan="2">Ukufunda nokubukela</td></tr>
<tr><td>ISIHLOKO</td><td colspan="2">Ukufumana intsingiselo kwiitekisi ezibonwayo</td></tr>
<tr><td>INJONGO ZESIFUNDO</td><td colspan="2">Mfundi emva kwesi sifunda uya kukwazi;
- Ukucazulula nokuqonda itekisi ebonwayo
- Ukufumana ulwazi kwitekisi ezibonwayo.
- Ukubona indlela esetyenziswe ngayo itekisi ukuphuhlisa ulwazi.</td></tr>
<tr><td rowspan="2">OOVIMBA BOLWAZI</td><td>Iincwadi</td><td>Ezeteknoloji</td></tr>
<tr><td>Incwadi yomfundi: Ukhanyo
Isichazi-magama</td><td>Iprojekta</td></tr>
<tr><td>INTSHAYELELO</td><td colspan="2">Qwalasela lo mfanekiso;

1. Qwalasela lo mfanekiso uze uqikelele ukuba sithini isihloko setekisi elandelayo.
2. Nika ulwazi onalo ngesihloko oze naso.
3. Ezona njongo zalo mfanekiso kukubonakalisa ntoni?

<u>IImpendulo ezilindelekileyo</u>

1. Intsholongwane yeCovid 19/ intsholongwane Icorona.
2. Siyosulela/ asinachiza/ siyabulala kwabanye abantu.
3. Ukugqithisa ulwazi malunga nokuzikhusela kwintsholongwane Icovid 19.


</td></tr>
</table>

<table>
<tr>
<td>UMXHOLO</td>
<td>Ikhathuni ngumzobo ohlekisayo, ofumbethe umyalezo othile ogushiweyo. Nangona zihlekisa, kodwa uninzi lwazo ludla ngokuxakatha imixholo etyhila izinto zasekuhlaleni, kungenjalo zifumbathe imiba enobuzaza, ngakumbi kwicala lezopolitiko, apho umzobi avakalisa khona ezakhe iimbono ngendlela apha ehlakaniphileyo. Akuthandabuzeki kona ukuba ifuthe leekhathuni eluntwini linganako ukuba ngaphezulu le-e kwinqaku lephepha-ndaba/ lemagazini. Qwalasela la magama alandelayo avame ukusetyenziswa xa kubuzwa imibuzo esekwe kwikhathuni.
<table>
<tr><th>IGAMA</th><th>INTSINGISELO</th></tr>
<tr><td>Uburharha</td><td>Ithi into ngoku inzima ixhalabisa, kodwa ibekwe ngendlela ehlekisayo.</td></tr>
<tr><td>Imifanekiso ehlekisayo</td><td>Iimpawu kunye nezenzo zomntu othile ziyabaxwa ukuncedisana nomfundi wekhathuni ukuba amnakane ngokulula umntu ozotyiweyo. Iikhathuni zinako ukudlulisa umyalezo ngemifanekiso kuphela, kungabikho magama okanye zivakalisi zikhaphayo.</td></tr>
<tr><td>Isigqebelo</td><td>Kuxa kuthethwa into ethile kube kusingiselwe kwechasene nayo.</td></tr>
<tr><td>Izikweko ezibonwayo</td><td>Kuzotywa umfanekiso othile omele nto yimbi.</td></tr>
<tr><td>IInjongo</td><td>Umzobi kusube ennenjongo anqwenela ukuzifezekisa ngomfaneiso awuzobileyo. - ingaba ufuna ukuhlekisa nje qha, okanye unomyalezo afuna ukuwudlulisa, okanye ufuna ukuhlekisa ngezenzo zobuyatha zomntu othile kwezopolitiki.</td></tr>
<tr><td>Ulwimi lomzimba</td><td>Imbonakalo yobuso kunye nendawo ambeka kuyo umntu umzobi kwikhathuni zisikrobisa kwimo yakhe yomphefumlo nakwindlela azibona ngayo izinto.</td></tr>
<tr><td>Imikhondo eveliswa ziintethwana</td><td>Ezinye iindawana kwikhathuni zisenokuphawulwa ngamagama okanye kubekho intethwana emfutshane esetyenziselwa ukuncedisa umfundi wekhathuni ukuba akuqonde oko imalunga nako ikhathuni.</td></tr>
</table>
</td>
</tr>
</table>

UKUQUKUMBELA	**Qaphela:** • Ukuze ufumane intsingiselo yokubonwayo kumele utolike umfanekiso ngokukuko. • Abafundi mabaqaphele ukuba ingaba itekisi leyo iwuphumezile umyalezo kusini na.
UMSEBENZI	 ***Ithatyathwe ku-www.davegranlund.com yaze yahlelwa*** **1.** Aluphawu lwantoni amachaphaza amathathu ekupheleni kwentetho kaBen yoku-1? (1) 2. Nika ijelo leendaba elisetyenziswe ngumzobi wekhathuni ukuxhasa umyalezo wakhe. (1)

	3. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Injongo yokusetyenziswa kothelekiso phakathi koBen noSam kule khathuni kukuba: A. Umzobi unenjongo yokuxhasa. B. Umzobi unenjongo yokugxeka. C. Umzobi unenjongo yokuthuma. D. Umzobi unenjongo yokuncoma. (1) 4. Chaza ukuba umzobi wekhathuni udlulisa wuphi umyalezo ngabantwana nabantu abadala. (1) **[10]** **<u>Iimpendulo ezilindelekileyo</u>** 1. Lwentetho esaqhubekayo. (1) 2. Intanethi. (1) 3. B/ B umzobi unenjongo yokugxeka/ umzobi unenjongo yokugxeka. (1) 4. Umyalezo wokuba abadala bahlalela ukugxekana nentlalo yabantwana bezixhasa ngexesha ababekhula ngalo/ wokuba abazali bakholelwa ukuba abantwana baphila nto-ntofo kunabo. (2) **[10]**
IZINTO ZEXABISO	Izicatshulwa zikhethwa ngobuchule ukuze zihambelane nomgangatho wakho wengqiqo. Qiniseka ukuba ikho into oyifundayo onokuthi uyisebenzise ebomini bakho.

ISIFUNDO NEBANGA	IsiXhosa uLwimi Lwasekhaya Ibanga le-11	
IKOTA YESI-3	Iveki 5 **(isifundo 3)**	
ISAKHONO	Ukubhala nokunikezela	
ISIHLOKO	Ukubhala intetho	
INJONGO ZESIFUNDO	1. Ukucwangcisa imephu yengqondo 2. Ukuyila 3. Ukubhala intetho	
OOVIMBA BOLWAZI	**Iincwadi**	**Ezeteknoloji**
	Incwadi yomfundi- Ukhanyo-	
INTSHAYELELO	Xa uza kubhala intetho 1. Thabathela ingqalelo ezi ngongoma zilandelayo njengoko ziya kuba nefuthe kwindlela oyibhala ngayo intetho yakho. Okokuqala zibuze le mibuzo ilandelayo ukuze uhlale emxholweni. • Ziziphi iinjongo onqwenela ukuzifezekisa ngale ntetho yakho? • Ngoobani aba uza kuthetha kubo? • Ngumcimbi mni lo uza kuthetha ngawo?	
UMXHOLO	Landela le nkqubo xa uza kubhala intetho yakho: 1. **Phanda** kangangoko ufumane iinkcukacha ezivuthiweyo oza kunyathela kuzo, ufumane ubungqina kunye neengcaciso ezanelisayo. 2. **Hluza** idatha yakho ukhethe ezona ngongoma zityebileyo, nezona ucinga ukuba zizifanele iindlebe zabaphulaphuli bakho. Cinga ngesihloko esidlwengula umxhelo oza kusipha intetho yakho. 3. **Thabatha** isigqibo malunga nendlela oza **kuzilandelelanisa** ngayo izimvo zakho, uze **uzicwangcise** ngalo ngolo hlobo kwimephu yengqondo. Kungalulutho ukuyipha isihlokwana ingongoma nganye ukwenzela ukuba izimvo zakho zicace nakuthathatha. 4. **Bhala idrafti yokuqala**, ukhumbule ukuba intetho yakho kufuneka ibe nayo	

	Intshatyelelo: • Bulisa abaphulaphuli, ubalandelelanise kakuhle ngokwezikhundla zabo. • Cacisa iinjongo zentetho yakho, uzibeke ngobuchule obulobayo nobuvuselela umdla (ungavula ngesihlekiso okanye ibalana elihlekisayo ukuba unalo, kodwa uqinisekise ukuba liyahambelana nomxholo). **Isiqu:** • Ngena emxholweni, unike iinkcukacha ezinabisa iinjongo osele uzikhankanyile. • Umhlathi ngamnye wuvule ngesivakalisi esiqulethe ingongoma engundoqo, uze ugxininise, uphuhlisa loo ngongoma kuphela kulo mhlathi. Ukuphawula iingongoma ezilolu hlobo, ungasebenzisa amagama/ amabinzana afana nala alandelayo: “Okokoqala”; “Okukugqibeela”; “Xa ndiqukumbela ndingathi....” • Sebenzisa **izihlanganisi**, izihlomelo kunye nezimelabizo ukwenza izivakalisi zakho zithungelane zinikezalane. • Qiniseka ukuba usebenzisa irejista efanelekileyo. **Isiphelo:** • Qiniseka ukuba intetho yakho uyisonga besenomdla abaphulaphuli bakho. • Shwankathela iingongoma eziphambili uze unike umkhomba-ndlela. • Bulela abaphulaphuli. 5. Hlela: funda intetho yakho ukususka ekuqaleni ukuya kutsho ekugqibeleni, uphawule zonke iimpazamo ezifana nopelo, iziphumlisi, uqhawulo-magama, ulwimi kunye negrama. 6. **Bhala idrafti yokugqibela:** Lungisa zonke iziphene ozibhaqe kwidrafti yakho yokuqala, uze ubhale idrafti yakho yokugqibela cacileyo nacocekileyo.	
UMSEBENZI	Umenyiwe ukuba uye kuba sisithethi sembeko kwitheko lokuvuyisana noSinazo Sithebe noVovo Zaleni ngempumelelo yabo esekeke kubuhlobo obungahanahanisiyo. Lungisa uze ubhale intetho yakho, apho ugxininisa khona kwiimpawu eziphambili zomhlobo wenene. Yipha intetho yakho isihloko. Ubude bayo mabube ngamagama ali-100 ukuya kwali 120 umxholo kuphela. Wakugqiba, ngenisa umsebenzi wakho kutitshala ukuze awuhlole.	**Impendulo**

UKUQUKUMBELA	**Qaphela:** Qinisekisa ukuba intetho yakho inentshayelelo, isiqu kwakunye nesiphelo. Sebenzisa intshayelelo edlwengula umxhelo ukuze abaphulaphuli bakho babaze iindlebe ide iyokuphela intetho yakho. Kwimeko zonke irejista yakho mayihambelane nemeko kwakunye nabaphulaphuli bakho.
IZINTO ZEXABISO	

ISIFUNDO NEBANGA	IsiXhosa uLwimi Lwasekhaya Ibanga le-11	
IKOTA YESI-3	Iveki 5 **(isifundo 4)**	
ISAKHONO	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	
ISIHLOKO	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi-Amagatya	
INJONGO ZESIFUNDO	Emva kwesi sifundo uya kukwazi… -ukuba yintoni igatya -Indidi zamagatya -ukuhlahlela amagatya	
OOVIMBA BOLWAZI	**Iincwadi**	**Ezeteknoloji**
	Incwadi yomfundi- Ukhanyo-	
INTSHAYELELO	Khawukhe uzikhumbuze ukuba yintoni igatya? Izivakalisi ezilula zakhiwe njani ze ezimbaxa zona zakhiwe njani? Kubaluleke ngantoni ukunamathelisa iliso lakho kwinani lezenzi kwisivakalisi xa uphethe amagatya?	
UMXHOLO Amagatya (eliyintloko kunye nelayamileyo)	**Iindidi zamagatya** **1.** Igatya eliyintloko: Leliya gatya linesenzi esifumbethe umyalezo ongundoqo (okanye ophambili) kwisivakalisi esithile. Linako ukuzimela lodwa njengesivakalisi esipheleleyo (kungoko uya kufika ngamanye amaxesha kusithiwa **ligatya elizimeleyo**. Umzekelo wegatya eliyintloko: umkhenkethi **uza kuthabatha** uhambo. **2.** Igatya elayamileyo: Leliya gatya linesenzi esinabisa (okanye esinika iinkcukacha ezithe vetshe) malunga nento equlethwe ligatya eliyintloko. Kukho ulwalamano phakathi kwalo kunye negatya elo liyintloko .Igatya elayamileyo lisenokunika iinkcukacha ezithe vetshe malunga nesibizo esiyintloko , okanye malunga nesenzi, okanye malunga nenjongosenzi.Nanga amagatya wethu awayamileyo. (Qwalasela indlela anxulumene ngayo negatya eliyintloko): Igatya eliyintloko: Umkhenkethi **uza kuthabatha** uhambo.	

	Amagatya awayamileyo: **Ofuna** ulwazi **Oluya** kude, **ukufika** kwenqwelo-moya. (wuphi umkhenkethi?) (luphi uhambo?) (uza kuluthabatha nini?) **Iindidi zamagatya awayamileyo** 1. **Igatya elibalulayo:** Umsebenzi weli gatya elayamileyo kukuchaza isibizo esifumaneka kwigatya eliyintloko, nokuba eso sibizo siyintloko na okanye siyinjongosenzi. Libonwa ngokuba isenzi esikweli gatya sibe kwimo yesibaluli. Umz Ihashe **elibalekayo** lithengwe izolo. 2. **Igatya –sihlomelo:** Umsebenzi weli gatya elayamileyo kukucacisa isenzi esifumaneka kwigatya eliyintloko malunga nexesha, isizathu, iinjongo, uxhomekeko, njalo-njalo. Isihlanganisi esikhokela igatya eli siso esintama ukuba sisizathu, ziinjongo okanye luxhomekeko na ekucaciswa malunga nalo. **Imizekelo** a. Abantwana baza kugoduka **xa kuphuma isikolo** (igatya-sihlomelo lexesha) b. Usisa uyafunda **ukuze aphumelele**. (igatya-sihlomelo lenjongo) c. Usisa uza kuphumelela gqathu **ukuba uyafunda**. (igatya-sihlomelo loxhomekeko). Umzekelo. a. USisa uyafunda **abhale aphumelele**. (amagatya olandelelwano mabini) b. Waya esikolweni, **wafunda**, wabhala, **waphumelela**. (mathathu nanku umzekelo obonisa indlela yokucwangcisa impendulo yokuhlahlela isivakalisi: Umkhenkethi okhathalayo uyiphatha kakuhle indalo xa etyelele ilizwe elithile ukuze iphile (icebo kukuqala ukrwelele izenzi njengoko senzile ukuze ufumane inani lazo-**zine,** ngoko ke namagatya amele ukuba **mane**)

<table>
<tr><td></td><td colspan="2"><table>
<tr><th>INANI</th><th>IGATYA</th><th>UDIDI NONXULUMANO</th></tr>
<tr><td>A</td><td>Umkhenkethi uyiphatha kakuhle indalo.</td><td>Igatya eliyintloko.</td></tr>
<tr><td>B</td><td>Okhathalayo</td><td>Igatya elayamileyo. igatya elibalulayo, lichaza isibizo esingu umkhenkethi_A</td></tr>
<tr><td>C</td><td>Xa etyelelwe ilizwe elithile</td><td>Igatya elayamileyo. igatya-sihlomelo lexesha, licacisa isenzi esingu uyaphatha ku-A.</td></tr>
<tr><td>D</td><td>Ukuze iphile</td><td>Igatya elayamileyo. igatya-sihlomelo lenjongo, licacisa isenzi esingu-uyaphatha ku-A</td></tr>
</table></td></tr>
<tr><td>UMSEBENZI</td><td>Funda esi sivakalisi silandelayo, uze usihlahlele ngokwamagatya-eliyintloko nawayamileyo. UNomathemba wenza umsebenzi obukekayo xa ephangele kuba uyawuthanda.</td><td>Impendulo</td></tr>
<tr><td>UKUQUKUMBELA</td><td colspan="2">Izihlanganisi zidlala indima enkulu xa uphethe umsebenzi odibene namagatya nanjengoko umsebenzi wazo ikukudibanisa izivakalisi.</td></tr>
</table>